INtliziyo eQhelekileyo

INkcazelo eMfutshane:

Inkcazelo ngokubanzi:



Intliziyo eqhelekileyo isisimpompi segazi kumzimba uwonke jikelele.

Intliziyo isebenza njengeempompo ezimbini. Impompo nganye yahluhlwe yangamacala amabini – icalana elibhityileyo elinjengesingxobo eliqokelela igazi kunye negumbi lesibini oludeki nolududulela igazi kwindawo yonke. Le ingasekunene (ebhlowu) yimpompo enoxinzelelo oluphantsi nempompa kuphela igazi eliya emiphungeni.

Kukho izivalo okanye iivaluva ezine (4) entliziyweni. Ezi zivalo zibangela ukuba igazi lingayi ngasemva koko livumele ukuba lihambe kwicala elinye.

Imizimba yethu ifuna i-oksijini yokuyigcina isebenza. Igazi lisetyenziswa ekuthutheni le oksijini kumacala ewonke emizimba yethu. Xa isetyenziswe yonke, sifuna engenye kungenjalo siyakufa. Igazi eliphuma emizimbeni yethu liyisebenzise yonke i-oksijini (linombala ongqindilili obhlowu) futhi kufuneka ufumene elinye elininzi. Iya kwicala elingasekunene lentliziyo nelimpompa igazi eliya emiphungeni yakho. Xa siphefumla, sigcwalisa imiphunga yethu nge-oksijini. Igazi eliphuma emiphungeni lithatha le oksijini esuka emiphungeni lize libebomvu ngokuqaqambileyo. Eli gazi lithwalwa ngemibhobho yegazi libuyiselwe kwicala elingasekhohlo lentliziyo apho impompo eyomeleleyo impompa khona eli gazi, ligcwele yi-oksijini ukuya emizimbeni yethu. Xa sibaleka, sidinga amandla amaninzi nesiwafumana kwi-oksijini, yiyo lonto siphefumla ngokukhawuleza nentliziyo yethu impompa igazi ngokukhawuleza ukuze sifumane amandla amaninzi aya emizimbeni yethu.